INGCWADI YOKWALUSA YEXESHA LENZILA 2018

Bazalwane nooDade kuKrestu

Ixesha leLenti liphezu kwethu, kwakho iTyalike isinika ithuba lokuba nenxanxheba ngakumbi kwimfihlakalo yePasika – ukufa nokuvuka kukaKrestu.

Olu luhamba esimemelwa kulo ngexesha leLenti. Ngothandazo, ukuzila nokunika amalizo siyamenyiwe sifane ngakumbi noKrestu kwinkolo zethu, ekuziphatheni kwethu nakwizenzo zethu. Amabandla asinika amathuba amaninzi okuthandaza: idinini lemisa mihla le, indlela yomnqalezo, iinkonzo zokuzisola, usuku olukhethekileyo lomthandazo nokuzilela uxolo kubantu abathwaxwa yimfazwe beDemocratic Republic yaseCongo naseMzantsi Sudan emenyelelwa nguPhapha uFrancis ngolwesihlanu wokuqala weLenti nge 23 zikaFebruwari, *'iyure ezingama 24 zeNkosi'* nge 09 – 10 zika Matshi, uKwabelane ngeVangeli, iinkonzo zabahluphekileyo neminye imisebenzi yasekuhlaleni.

Esona siganeko seDayosisi yethu luhambo olungcwele lwase Kruisberg eDysselsdorp kwicawe yokuqala yeLenti. Sisonke siyakhuthazwa ukuzimasa olusuku ukuze thina njengebendla sikwazi ukunika ubungqina kumanyano lwethu elukholweni nokuxhasana kuhambo lokuba sifane ngakumbi noKrestu. Ibhunga looBhishopu bethu lusimemela ukuthabatha inxaxheba kwisiBheno seLenti sooBhishopu esibangela ukuba sibe nenxaxheba eyiyo kwimisebenzi yeTyalike kuMandla wethu uphela. Amaxwebhu esiBheno sooBhishopu asasaziwe kuwo onke amabandla ethu.

Leleta iquka intshayelelo yoHlelo Lobuhlanga lweLenti. Kumoya wokufana ngakumbi noKrestu oobhishopu boMzantsi Afrika benze isiphakamiso sokuba abaBhunga amaBandla namanye amaqela acamgce ngamava obuhlanga kwilizwe lethu. Ngumba utshisa ibunzi lo kwaye ungavuselela iimvakalela ezinzulu ezifana ukuva ubuhlungu, umsindo, uloyiko, isazela nokudana. Ngamanxeba esihamba nawo la , uYesu ufuna ukusiphilisa. Amanxeba angapholanga achaphazela ubudlelwane babumini. uMzantsi Afrika sisizwe esingxwelerhelekileyo njengoko amanani olwaphulo mthetho nokudandalazeka kobundlobongela esidlangalaleni bugqina kulemihla.

Njengamabandla amaKrestu sibizelwe ukuba ziindawo eziphephileyo apho bonke bathi bamkeleke ngovelwano nemvisiswano. Umfanekiso kaPhapha uFrancis odumileyo eweTyalike ' esisibhedlele esilubala' uyafaneleka apha. iLente isinika amathuba akugocagoca izazela zethu ukubona ukuba ingaba sinobuhlanga kwiinkolo zethu, ekuziphatheni nakwizenzo. Ngeliphandle 'ubuhlanga' yinkolo yokuba elinye iqela lohlanga lungentla kunolunye. Lenkolo iyihambelani nakanye nokholo lwethu lwamaKhatholike kuba xasisonke simanyene kuKrestu 'akusekho Mjuda nantlanga,akusekho khoboka nomntu ukhululekileyo, ndoda nabhinqa (Galati 3:28)
Uphengululo lwabumini lufumanise ukuba mayela nesibini sesiqingatha sabantu boMzantsi Afrika sezizwe zonko bathi banethemba elincinane okanye abanethemba kumaqela ezinye iintlanga. iNkosi isivumela ukuba singena kulemeko kwelixesha lingcwele leLenti. Ngomthandazo, ngokwabelana ngezibhalo, ngokucamngca ngobuhlanga, ngokuzila, ngokunika amalizo nokuvuma izono zethu, ukuphilisa ubudlelwane, ukukhathalelana nokuhlonipha indalo iphela, yanga singa zaliswa yimfesane kaKrestu. ' ukuba sife simanyene naye, sodla ubomi kwakunye naye' (2 Timoti. 11)

Yanga ukuphilisa, uxolelwaniso nemfasani kaKrestu ingayeyenu kuleLenti.

+ Francisco de Gouveia
IDayosisi Yase Oudtshoorn